



VAKALISA ULUVO LAKHO! ISIPHAKAMISO SOPHUHLISO LWENDAWO ELIBALA ELIKHUSELEKILEYO LASE KUILSRIVIER

Ukusebenza kunye ngokuxhasa abahlali abasemngciphekweni nokomelza uluntu lwethu lasekuhlaleni.

ISixeko saseKapa, ngokusebenzisa iNkqubo engabo bantu bahlala eSitrateni, senza isiphakamiso sophuculo lwendawo eliBala ekhuselekileyo eseKuilsvier njengenxa'nyenze yeenzame zeSixeko ukubonelela ngezinye iindlela ezinesidima zokulala ezikumabala oluntu.

Amabala akhuselekileyo athi abeyinxal'nyenze yesicwangcिसोबुचुले seSixeko esingokuphendula ngokujoliswe kwindawo yokula engafanelekanga (esesichengeni) ngokuthi sibonelele ngendawo yokuhlala yexeshana kunye nokufumaneka kweenkonzo ezingezentlalo, amathuba ophuhliso lwezakhono nangenkxaso engokuhlanganiswa kwakhona noluntu lasekuhlaleni. Uyilo oluyingqiyo luthi lubenesiphakamiso sesakheko esiliBala esiKhuselekileyo esineebhedi zokulala ezili 130 esiseKuilsvier, kubonelelwe ngesheltha yokuhlala, iinkonzo ezingundoqo nenkxaso engokuhlanganiswa ngokutsha kunye noluntu kubume bokusingqongileyo obukhuselekileyo nobunesidima.

Isiphakamiso ke esi sophuhliso, sifumaneka kwiziza esingu1211 nesingu1212, eziseKuilsvier. Isakheko esi siyakuthi siqhutywe ngumbutho ofanelekileyo kwaye onamava abalaseleyo ukujongana necandelo elingokulala kwiindawo ezisesichengeni. Kuyakuthi kuqulunqwe isicwangciso sokusebenza ukuqinisekisa ukuba uluntu olungqonge indawo nabaxumi bendawo le eliBala elikhuselekileyo, bathi bafumane inkxaso efanelekileyo, xa kwelinye icala kuphendulwa kwimingeni yokuswela amakhaya nokukhuthazwa kokubuyiselwa kwesidima. Isakheko esi siyakuthi siqulathe ukhuseleko kangangeeyure ezingama24 nokucelwa kwenkxaso kumagosa abek'iliso angozoNyanzeliso loMthetho, ngokungqinelana neendlela zokusebenza esele zimiselwe ngokujoliswe kumaBala aKhuselekileyo kwiSixeko siphela.

Isiphakamiso sesakheko esi sijolise:

- Ekuboneleleni ngeyona ndlela ikhuselekileyo nenesidima engokulala kumabala oluntu
- Ekunikezeleni ngendawo yexeshana kwabo bantu bangamakhoba okungabinamakhaya
- Ekuququzeleleni kokufumaneka konakekelo lezempilo, iinkonzo zentlalo nenkqubo engophuculo
- Ekufumanekeni kwenkxaso kupuhliso lwezakhono namathuba angezengqesho
- Ekukhuthazeni kokuhlanganiswa ngokutsha kunye neentsapho nakuluntu apho kufanelekileyo

Isimemo kusuku oluvulelekileyo kuluntu

Umhla: 21 kweyeKhala (Julayi) 2026

Ixesha: 14:00 - 20:00

Indawo: iHolo loLuntu iVan Riebeeck

IBhunga lithabathe isigqibo sokuba, ngokwecandelo 17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngowe8 kweyeKhala (Julayi) ukuya kowe8 kweyeThupha (Agasti) 2026.

Izimvo, izilungiso nezindululo zingangiswa, kusetyenziswa:

- I-imeyile: Brandon.Lebuso@capetown.gov.za
- I-intanethi: www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Izingeniso ezibhaliweyo, zingangeniswa: kwiofisi yeBhungana 14, iiOfisi zikaMasipala, kwikona yeCarinus neVan Riebeeck Road, eKuilsvier

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneka izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala.

Ukuze ufumane enye ingcaciso ngokumalunga nentathonxaxheba ngokubanzi, qhagamshelana noMbuthokazi Kubashe kumnxeba 021 400 9808 okanye uimeyilele Mbuthokazi.Kubashe@capetown.gov.za

**Qhagamshelana noBrandon Lebuso kwa 021 444 8539 okanye uimeyilele ku
Brandon.Lebuso@capetown.gov.za ngokumalunga
nayo nayiphina imibuzo.**

**LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO**

CTA141/2026



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.